Isalathiso: 20190115-248
Inombolo yefayili: 3/1/3/1
Imibuzo: ABaphathi beeSekethe

ISetyhula: 0002/2019
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *Ukubonelelwa kwezikolo ngezithuba zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente ngo-2019 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo*

Isihloko: **Ukubonelelwa kwezikolo ngezithuba zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente ngo-2019 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo**

1. Ukuhlaziywa kwamanani ezithuba ezabelwe izikolo zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente kuzo zonke izikolo zikarhulumente ukulungiselela ithuba elisusela nge-01 Apreli 2019 ukuya kwi-31 Matshi 2020, kwakwenziwe ngokungqinelana nemimiselo nemigangatho evunyiweyo.

2. Oku kuhlaziywa sele kukhankanywe apha ngaphambili kweenziwa ngokwale migqaliselo ilandelayo:

   a) Ukugcina uzinzo ezikolweni ukwenzela u-2019;
   b) Ukumisela ukuchaphazeleka kwemeko yezemali kukwandiswa kwesabelo-mali sabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente ngokungqinelana nesabelo sebhajethi sango-2019/20 senkqubo-sikhokelo senkcitho yethuba eliphakathi *(medium term expenditure framework)*;
   c) Ukuhlengahlengiswa kwesabelo-mali sabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente kwizikolo eziphulukene nabafundi, okufuna ukulungelelaniswa kwesabelo-mali sabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente kwimimiselo nemigangatho evunyiweyo.

3. Ngenxa yeemeko zezemali ezingumngeni zangoku kwibhajethi yembuyiselo yabaqeshwa yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe i*WCED*), iNtloko yezeMfundo izivumile izabelo-mali zezithuba zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente

apho bekukho ukwanda kwamanani abafundi, kuphela kwezo zikolo zithile zingabizi zifizi nangokusebenzisa inkqubo elungiselela ngeyona ndlela ibhetele izikolo ezenzela abahlali abahluphekileyo iinkonzo. Ngenxa yemingeni yeemeko zezemali, azibanganako ukwabiwa izabelo ezipheleleyo ngokwemimiselo nemigangatho yabasebenzi abanika inkxaso izikolo ezifanele ukuzifumana ngokweSetyhula 0025/2011, yomhla we-11 Oktobha 2011.

4. Ukuqwalaselwa kwakhona kwezabelo zeehostele zethuba elisusela kwi-01 Apreli 2019 ukuya kwi-31 Matshi 2020, kuya kwenziwa ngokususelwa kumanani obhaliso osuku lweshumi lwesikolo yaye izabelo ziya kukhutshelwa izikolo phambi okanye ngowe-28 Februwari 2019.

5. Izikolo ezijongene nokuphulukana nezithuba ngenxa yokuhla kwamanani ziya kufumana izabelo ezihlengahlengisiweyo zezithuba zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente ukulungiselela ithuba elisusela kwi-01 Apreli ukuya kwi-31 Matshi 2020.

6. Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezijongene nokuphulukana nezithuba zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente nge-01 Apreli 2019 nezinabaqeshwa bemvumelwano (*contract employees*) kwizithuba ezichaphazelekayo, azinako ukuzandisela elinye ixesha iimvumelwano zabaqeshwa abachaphazelekayo, kude kube ngaphaya kwe-31 Matshi 2019. Iinqununu mazibazise abaqeshwa bemvumelwano *(contract employees*) abachaphazelekayo ungadlulanga owe-31 Januwari 2019, kanye ngqo, ukuba ngenxa yokupheliswa kwezithuba zabo, iimvumelwano zabo azisayi kwandiselwa ixesha elingaphaya kowe-31 Matshi 2019.

7. Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinokuphulukana nezithuba zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente nge-01 Apreli 2019 nabebekade beqeshwe isigxina kwizithuba ezichaphazelekayo, kuya kufuneka kulandelwe inkqubo yabasebenzi abangaphezu kwemfuneko efana naleyo isebenza kootitshala. Bonke abasebenzi abavakaliswe njengabangaphezu kwemfuneko baya kumataniswa yaye bafakwe kwizithuba ezingenabantu kwezinye izikolo. Inkqubo yokumataniswa nokufakwa kwizithuba iya kulawulwa zii-ofisi zezithili. Bonke abaqeshwa abangaphezu kwemfuneko abangenako ukumataniswa nokufakwa kwizithuba, baya kuhlala ezikolweni zabo yaye aziyi kutshintshwa iimeko zabo zengqesho.

8. Xa kunokwenzeka ukuba kubekho izithuba ezisisigxina ezingenamntu, abaqeshwa abangaphezu kwemfuneko baya kuqwalaselelwa ukuqeshwa kuqala ekumatanisweni nasekufakweni kwabo kwizithuba ezilolu hlobo phambi kokuba kunikwe imvume yokuzaliswa kwezithuba zemvumelwano.

9. ISebe i*WCED* liya kukuvuma ukudalwa kwesithuba somsebenzi onika inkxaso wenkonzo karhulumente ukwenzela ukufakwa komqeshwa (kwabaqeshwa)

ongaphezu kwemfuneko kuphela apho isikolo sikarhulumente esiqhelekileyo kunye/okanye isikolo semfundo eneemfuno ezizodwa sisifaneleyo isithuba (izithuba) esongezelelweyo somqeshwa onika inkxaso wenkonzo karhulumente, ngokwemimiselo nemigangatho evunyiweyo, yaye sinaye umqeshwa (abaqeshwa) wenkonzo karhulumente ongaphezu kwemfuneko, novumayo ukufakwa kweso sikolo.

10. Amanani ezithuba ezabelwe izikolo zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente kwizikolo zikarhulumente ukulungiselela u-2019, aya kupapashwa kwi-*CEMIS* phantsi ko"*Administration*" ngowe-25 Januwari 2019.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2019-01-25